


# QUARTERLY ECONOMIC CHRONICLES

2020/Q1



## IMIBULELO

Sithanda uku vuma noku zisa umbulelo okhethekileyo kuma lungu we qela lethu mayelana negalelo olukhulu lo lwazi kulo msebenzi wethu. Abantu abagalele kulo msebenzi ngaba abalandelayo:

### Ababhali

#### Umkhokeli weqela

Mr Baneng Naape

#### Umbhali wexesha elipheleyo

Mr Marius Masoga

#### Umbhali wexesha elipheleyo

Ms Thando Mkhombo

#### Umbhali wexesha elipheleyo

Ms Tumelo Matlhako

#### Umbhali ngamaxesha

Mr Bhekithemba Qeqe

#### Umbhali wexesha elipheleyo

Mr Thabang Khumalo

#### Umbhali ngamaxesha

Ms. Olwethu Shedi

#### Umbhali ngamaxesha

Ms Zaziwe Maluleke

#### Umbhali ngamaxesha

Mr Mkrola Chwayita

#### Umbhali ngamaxesha

Mr Caleb Qoyo

### Abaguquli

#### Umgququli wesiXhosa

Ms Sinesipho Ndlovu

#### Umgququli weSepedi

Mr Thapelo Selahle

#### Umgququli weXitsonga

Ms Angel Ntsakisi

#### Abaguquli beTshivenda

Ms Mosibudi Munyadziwa

Ms Mpidi Muneiwa

#### Umgququli weSetswana

Ms Tebogo Tau

#### Abahleli

Mr Ndivhuwo Doctor Sundani

Mr Pfumelani Mayimele

Siliqela, sithanda ukubulela UThixo onamandlaonke kuba esiphe amandla nenkokhelo yoku bhala lomsebenzi.

## 1. ISISHWANKATHELO SESIGQEBA

Ukusukela imbonakalo yokuqala ka Covid-19 ngo December, lengulo ebhubhisayo ka Corona Virus imise umhlaba wonke. Le ikhokeleke xa umongameli u Cyril Ramaphosa ezise isaziso se “lockdown” eqale nge 26 March 2020. Ngempumelelo, imisebenzi yezoqoqosho ebonakala kuthwa ayibalulekanga kangangoko kwaye nemihambo yonke izaw’yekwa. Esisigqibo, nangona senza mandundu uqoqosho eselibuthakatha saxhaswa mhlaba-jikelele ngokukhawuleza kwaye kwaba lunyathelo olwamkelekileyo elinomdla wokhusela ilizwe. Urhulumente woyike ukuba isixokelelwano sezempilo esizweni asixhobanga ukuphatha abaguli abasulelwe, kwaye lentsholongwane izakutshabalalisa amahlwempu abaphila rhoqo kumathuba axinanayo abanemfikelelo encinane kwezococeko kwaye nezinga eliphezulu ze TB ne HIV. Xasiqhubeka singena kwinqanaba ka 4 ye “lockdown” enezithintelo eziphantsi kufanele ukuba sixoxe ngokuba uluntu lwamahlwempu lichatshazazelwe ukufikelaphi.

U 80% wabafundi ababhalise kuba bafunde mlabajikelele bakutshelwe phandle kwezikolo ngenxa yemimiselo ka covid-19 lockdown. Esisifo esibhubhisayo se covid-19 sikhawulezise utshintsho lokufundela kude kwabafundi ukususela imfundo ku intanethi kuyiyona indlela enye ehambisa imfundo ngelixesha (Saavendra,2020). Kwelinye icala, kuthetha ukuthi kuzawukuba nemfuneko yokuba abafundi bathole i ”bundles” ze intanethi kwaye ne zixhobo ezikrelekrele phakathi kwezinye izinto ezenza imfundo ifikelele emakhaya. Xa ethelekiswa nomhlaba wonke, u Afrika une pesenti encincane yemizi one intanethi kwaye ne khompyutha ekhaya. Ngu 17.8% kuphela wemizi wase Afrika onemfikelelo ye intanethi kwaye ngu 10% kuphela wemizi one khompyutha endlini (International Telecommunications Union, 2019). Kuthetangeli, uEurope, America, Asia, Pacific, kwaye ne Arab States ilala ku 85.5%, 71.8%, 50.9% kwaye no 57.1% ngokwemiqathango yemizi enemfikelelo ye intanethi ngelixa imizi one khompyutha ekhaya ukwi sixa sika 78%, 67.5%, 43.5%, kwaye no 51.9% (International Telecommunications Union, 2019).

Impendulo zika rhulumente ngaphesheya kumazwe zibandakanya iinqubo zenkululo enkulu yezoqoqosho ejoliswe kumashishini, inkathalelo yezempilo kanye nokhuseleko. Ukucacisa ngokukhankanya, orhulumente babonelele inkululo ngokunika abantu intlawulo yemali kanye noncedo lokutya kumizi esemngciphekweni, noku nika inkxaso kumashishini amancinane namakhulu, intlawulo zama holide kanye no nothi womdla kumatyala angaphaya kanye namanyathelo yenkululo yeze rhafu. Lamanani ka 1 no 2 abonisa iinkcitho ezahlukeneyo kanye namanyathelo ye rhafu amaphumeza ngoorhulumente mhlabajikelele ekuphenduleni kuka Covid19.

Esisifo esibhubhisayo se ‘coronavirus’ simise ezoqoqosho mhlabajikelele. Le idalwe kukuba amazwe mekwi ‘lockdown’ apho ithemba libekwe kwimisebenzi ebalulekileyo ukugcina uqoqosho. Amashishini amanomsebenzi o’labour-intensive’ alahlekelwe kakhulu kwinzuzo kule ‘lockdown’ ne ‘social distancing’. Inyaniso ebuhlungu kukuthi amashishini afaneleke ukurholela abasebenzi nokuba abafumani ngeniso lwemali. Nokuba, isiphumo semariki noko sibe ‘opposite’ iinkampani ngobuninzi zamkelele isiseko se ‘no-work-no-pay’. Ngenxa yokuvalelwa nokuncitshiswa kwexesha lokusebenza, amashishini alahlekelwe lungenisomali lantsukuzonke. I ‘International Labour Organisation (ILO)’ iqikelele ukuba iiyure zomsebenzi mhlabajikelele zingancitshiswa ngo 10.5% kwi kota yesibini ku 2020 le elinganayo no 305 million yemisebenzi yexesha eliphelele (ILO, 2020). Unkcitshiso lwexesha loku sebenza libangela yingqiqo yokutshintsha emsebenzini nokuswela kokusebenzela kude. Kwelinye icala, esisifo esibhubhisayo sidlale indima ebalulekile ukukhawulezisa kwedijithali. Kumashishini

asand'kungena kwidijithali, eli libelithuba elitsha. Ngaphezukoko, i 'SARB' ithenge R1bn na R11.4bn wama 'bonds' karhulumente ngo March 2020 no April 2020, ngokulandelanakwazo. Injongo yakhona kukunyusa i 'liquidity' kwimarike, le ilandele utyekelo lokubamandundu kwemarike ngexesha le kota yokuqala yonyaka, phakathi ke Covid-19. Ngamazwe inkqubo zemali kakhulu ukususela January 2020, kojongwe uba i 'central banks' njenge 'European Central Bank (ECB), Bank of Japan (BoJ), People's Bank of China (PBoC), Bank of England (BoE), ne Federal Reserve Bank (Fed)', zimise umngangathowenzala ukuphucula iimeko yeqoqosho. Kodwa ukuqiniswa kwesiphumelo salengulo ye coronavirus ibangele ukuba kube nenkqubo zongenelelo ezininzi kulawo mazwe nangaphesheya ukuphucula i 'liquidity' yemarike ne 'financial system' (see table 1 in annexure for the summary of monetary policy interventions).

Njengeziphumezo zokufufuka kokuphaphazela nokungaqiniseki okunxulumene nosasazo lwale ntsholongwane, kubonakala isixa sokuhla kwemarike yempahla mhlabajikelele kwinyanga ezintathu ezidlule ukususela unyaka uqalile. Nge 18 March 2020, ezinye iimarike zempahla ezinkulu zilahlekelwe luxabiso (Rudden, 2020). I CSI 300 eChina ilahlekelwe hi 12.1%, i FTSE eItaly iwe nga 27.3% ngelixa i S&P 500 ilahlekelwe ngu 11.98% yoxabiso kwelixesha (Rudden, 2020). U figure 8 ubonisa i 'trends' kwi 'Central Bank of England (CBOE) VIX global stock volatility index', umlinganiselo wokuhla kwaye nokungaqiniseki kwemarike yempahla mhlabajikelele. Njengokuba kubonwa kwi dayagram, i 'VIX' iqale ukunyuka kakhulu ekugqibeleni kuka February 2020 kufikela ku March 2020 ngenxaye nkulo yokuphaphazela noloyiko elibangelwa hilentsholongwane. Inyuko yokuhla nokungaqiniseki kunyuswe kukwehla koxabiso lwe 'oil' (Accountancy SA, 2020). Njengokuba kuboniswa kudayagram, i VIX ngokuphela ko March imarike yehlile kwaye iimarike ziqale ukubuyiselwa ngenxayokuphucuka kwemeko yase China, kanye noqoqosho namanyathelo yezemali athathwe ngurhulumente mhlabajikelele ukunciphisa impembelelo enzwa hi Covid-19 kwezoqoqosho nezentlalo.

Enye yendima zikarhulumente kukusebenzisana ne 'tech business' ekuchongeni uluntu oluswele ukufikelela ulwazi loku 'testing, treatment ne prevention'. Elinye iqumrhu elithathe amanyathelo yokuncedisana norhulumente yi 'OfferZen'. Le iza emvakokuba urhulumente ese ingqalelo kwi 'Vulnerability Map' ezotywe yi 'NICD'; le ijoliswe ekuncediseni uluntu aledinga inkuselo kulentsholongwane 'financially, emotionally na physically'. I 'OfferZen' isebenzisa i 'Zoom App' ukubamba intlanganiso, le yenye yendlela zqhagamshelwano norhulumente, kanye nezinye i 'sector' zokuqinisekisa uqhagamshelwano phakathi kwabasenzi abasebenzela kude. I 'Zoom' kaye ne 'Microsoft Teams, Skype, WebeX ne Togo' zidlale indima ebalulekileyo eyenze amashishini akwazi ukubamba intlanganiso neentetho. Ukususela i 'Zoom' yaqaliswa kunobungqina labanogalelo mhlabajikelele ngexesha lwencopho kusuka ku December2019-April 20.

## 2. ULUNTU NE MPILO

- Caleb Qoyo

### 2.1. I Covid-19 ichaphazele uluntu kanjani?

Ukusukela imbonakalo yokuqala ka Covid-19 ngo December, lengulo ebhubhisayo ka Corona Virus imise umhlaba wonke. Le ikhokeleke xa umongameli u Cyril Ramaphosa ezise isaziso se “lockdown” eqale nge 26 March 2020. Ngempumelelo, imisebenzi yezoqoqosho ebonakala kuthwa ayibalulekanga kangangoko kwaye nemihambo yonke izaw’yekwa. Esisigqibo, nangona senza mandundu uqoqosho eselibuthakatha saxhaswa mhlaba-jikelele ngokukhawuleza kwaye kwaba lunyathelo olwamkelekileyo elinomdla wokhusela ilizwe. Urhulumente woyike ukuba isixokelelwano sezempilo esizweni asixhobanga ukuphatha abaguli abasulelwe, kwaye lentsholongwane izakutshabalalisa amahlwempu abaphila rhoqo kumathuba axinanayo abanemfikelelo encinane kwezococeko kwaye nezinga eliphezulu ze TB ne HIV. Xasiqhubeka singena kwinqanaba ka 4 ye “lockdown” enezithintelo eziphantsi kufanele ukuba sixoxe ngokuba uluntu lwamahlwempu lichatshazazelwe ukufikelaphi.

Kwacaca uba umthwalo wesiphumo sale ngulo ebhubhisayo sizalwa kakhulu liluntu lamahlwempu. Kalukhuni u 68.18% woluntu baphila kwindawo zasemaphandleni, kwilokishi kwaye ne informal settlements. Ezindawo zihlala amahlwempu kwaye nabahlali abangaphangeliyo eMzantsi-Afrika. Ngu 18% (3 million) wabantu abaphangelayo batholakala koluluntu (9stats,2019). Ungeniso eliphuma kwimisebenzi ekule ‘sector’ kanye ne mivuzo yezentlalo ‘igranti zika rhulumente’ ngokuqhelekileyo zizo ezenza lamasapho asinde.

### 2.2. Ukubaluleka kwe ‘informal sector’

Isithintelo kwezorhwebo ngexesha le ‘lockdown’ libenesiphumo esibi ‘kwi informal sector’ kwaye ipakethe yoncedo ejongiswe ekukhululweni kwezoqoqosho iye yayidlula le ‘sector’. Ukungenelela kwesaphulelo serhafu, TERS (Temporary Employee/Employer Relief Scheme) kanti ezinye zinezuzo kwaba abaqashe ngokusesikweni (Trenton, 2020). Uphando oluzimele oluqhutywe kumashishini amancinane amayi 233 asekelwe kumaphondo amawu 6 pakathi kwa 17 wamashishini wabonise ukuthi 86% osomashishini abazi ukuba bayifikelele kanjani lemali kaxakeka ekhona (Phaphama SEDI, 2020). Nokuba ulwazi belufumaneka, kuphela u 40% babeya kufumana imali yoncedo (Phaphama SEDI, 2020). Abaseleyo bonke basele ngaphandle ngenxa yokungafikeleli iimfuno njengokuba amashishini engabhaliswanga ngokusesikweni, noku dinga amarekhodi yasebhandi’, nerhafu yokuthobela. Amanani ye ‘informal sector’ mhlawumbi babeya mandundu.

Umzekelo onosizi wempembelelo embi kwi ‘informal sector’ ibonakala kwishishini lerhwebo lokutya elingekho sesikweni. Ushishini lokutya kwasestalatweni kuphela lithatha u 40% kwezoqoqosho olungekhosesikweni laselokishini kwaye lixhasa 500 000 wabantu (Petersen & Charman, 2018). Okuqala kwe ‘lockdown’ isithintelo besingavumeli abahlali uba basebenze njengesqhelo, le ibea ixinenzelo kwimpilo zabantu bemzi yamahlwempu (Petersen & Charman, 2018). Imoliyokuthenga kwaye nevenkilenkuluyokutya ngokuqhelekileyo zithanda ukuba kude nendawozokuhlala njengamalokishi kanye nendawozasemaphandleni. Ngaphezulu koko, kuthetha ukuthi ukugcina kwaye nezithintelo zebhujethi rhoqo ithetha ukuba ukuthenga ukutya ngobuninzi kanye nezinye izinto ezibalulekileyo akunakwenzeka kwimizi emininzi yamahwlempu (PLASS, 2020). Le ikhokele kukwandiswa kwexabiso lemali yokuthutha njengokuba abahlali befanele ukuhamba rhoqo beyothenga ukutya. Kwakhona leyenze i ‘social distancing’ yanzima ukwenzeka ngenxa yokuba

abahlali bakholosa kwi transipoti kawonkewonke ukuyothenga ukutya. Ushishini lokutya lwasestlatweni ludlala indima enkulu kwitsheyini yesibonelelo sokutya kuluntu lamahlwempu kwaye ubungabikho kwalo selekuvakala. Iziphumo zophando lakutshanje libonisa ukuncipha kusixa seziqhamo ezihlaziyekileyo kwaye nomfuno othengiweyo, kukhuphelwangaphandle inyama ne ideri kwi dayethi (Piertermaritzburg Economic Justice & Deginity, 2020). Le inyuka ngenxa yokwanda komgama abahlali abafanele ukuwuhamba nokwanda kwexabiso lokutya, leyenza amasapho athenge ukutya okunestatshi nokutya okungonakaliyo (Pietemaritzburg Economic Justice & Deginity, 2020). Ngaphambili, abantu bebekwazi ukuyo thenga ezivenkileni ezohlukileyo bafumane izahlulo ezingcono kodwa ngoku baqingqwe kwivenkile ezimbalwa ezisekiwe (PLASS, 2020).

Enye into eyenza imfikelelo yokutya ibenzima yilento yokuba ivenkilezespaza ziqhwaleliswe hilemimiselo ekhona. Ngoku, kuphela onomthengisi abancinane abanemvume yokusebenza. Ukufumana imvume kumasipala kubonakele kungumqobo ongeyomfuneko (Trenton, 2020). Unyanzeliso lalomthetho liye langalinganani kusizwe, lenze kwaba nesiphumo socaculo ngokuchasene namashishini apethwe lolunye uhlanga. Umlinganiselo omkhulu wevenkile uphethwe ngamazwe angaphandle kanti wonke amashishini apethwe ngabantu bangaphandle akanayo imfikelelo yokufumana i 'Covid-19 economic relief initiatives' ekhutshwe ngurhulumente, le ibeka lamashishini engozini kwelixesha (Phaphama SEDI, 2020).

Le ibe nesiphumo esibi kubalimi beskali esincinane kwaye nabalobi abathengisa imveliso yabo kubathengisi basestlatweni nakwivenkile zasemakhaya. Kuqikelelwa ukuthi u 60% walomveliso othengiswa eRhawutini ku 'Fresh Produce Market' igqibezela uthengiswe kumalokishi (PLASS,2020). Itsheyini yonke yesibonelelo beyisebenzisa ngabalimi beskali esincinane kuze bakwazi ukuziphilisa iyeyasikwa ngokupheleleyo kubabalelwa isibonelelo seskali samashishini amakhulu (PLASS,2020). Amashibini okanye ivenkile zotywala zibalwa kwinqanaba lika 3 kuhlobo lamashishini aqhelekileyo kumalokishi (Charman, 2017). Ukolulwa kokuvalwa kotyalwa ngokunjalo kubeke olushishini engozini (Ndaezo, 2020). Isiphumo esingacwangciswa kulemimiselo yangoku sizisa ulahleko lwemisebenzi kucandelo olungekhosesikweni kwaye ungeniso lwemali lijongiswe kumashishini asesikweni akwindawo efanelekileyo ngokwesicwangciso ngoku.


### **2.3. Isisombululo semivuzo yezentlalo**

Indlela ezisebenzayo ukuzisa isiqabu esijoliswe kumasapho asengozini kakhulu kwelixesha zinqubo zesombululo semivuzo yezentlalo. Unyuso lwegranti lushiyeke kusiso isixhobo esinamandla ekupheliseni ubuhlwempu kuba bafikelele u 45% wabasebenzi baseMzantsi-Afrika abanga zuzi kumlinganiselo wesiqabu (Bassier, Budlender, Leibbrandt, Zizzamia, & Ranchhod, 2020. U 'figure 1' ngaphantsi ngomnye umzekelo obonisa ukuthi legranti exhasa abantwana ifikela u 80% wabantu kucandelo engekholesikweni, I 'bar' nganye ibonisa lamapesenti ngongeniso, iibonisa abantubamahlwempu kusandlasasenxele abatyebi kusandlasasekhohlo (Bassier, Budlender, Leibbrandt, Zizzamia, & Ranchhod, 2020).

Urhulumente wazise ukuthi uzanyusa inkcitho kwigranti yentlalo ngo R50 billion kwaye usasazo luzaqala ngo 'May' luphele ngo 'October' (Zulu, 2020). Igranti yomzali ka R300 ngo 'May' no R500 kusukela ku 'June' kuyaphambili iyakuyiqaliswa ibeluncedo olongezelelweyo kubamkeli begranti yabantwana. Ezinye igranti zentlalo njenge granti yabantu abaneminyaka emidalakwaye ne granti yabantu abakhubazekile izanyuswa ngo R250 (Zulu, 2020). I granti entsha yabantu abangaphangeliyo

ka R350 iyakuqaliswa kubantu abanga fumani nenye igranti (Zulu, 2020). Olunyuso lube lunyuso oluncomekayo olujoliswe kwicala elinene kodwa imibutho yoluntu ahlukeneyo kwaye nabemfundo babonisa ukuthi ngalendlela igranti ecwangcisiweyo kuphela inani labantu abangu R2 million bazashiyeka bengamahlwempu (Broughton, 2020). Ukuphendula le, u Minister we Social Development Lindiwe Zulu ubale izithintelo zesikhokelo sezemali zikarhulumente kusiso isizathu sokukuqhwalala, kwaye isebe lakhe likwiintetho ne ‘Treasury’ ukubona ukuba yeyiphi imilungiselelo ongezelelweyo engathathwa (Broughton, 2020).

Figure 1: The child Support Grant reaches informal-worker households



Source: Calculated using NIDS 2017 by Bassier, Budlender, Leibbrandt, Ranchhod and Zizzamia

### 3. EZEMPILO NE MFUNDO


- Chwayita Mkrola

#### 3.1. Ukufunda ngelixesha le Covid-19

U 80% wabafundi ababhalise kuba bafunde mlabajikelele bakutshelwe phandle kwezikolo ngenxa yemimiselo ka covid-19 lockdown. Esisifo esibhubhisayo se covid-19 sikhawulezise utshintsho lokufundela kude kwabafundi ukususela imfundo ku intanethi kuyiyona indlela enye ehambisa imfundo ngelixesha (Saavendra,2020). Kwelinye icala, kuthetha ukuthi kuzawukuba nemfuneko yokuba abafundi bathole i”bundles”ze intanethi kwaye ne zixhobo ezikrelekrele phakathi kwezinye izinto ezenza imfundo ifikelele emakhaya. Xa ethelekiswa nomhlaba wonke, u Afrika une pesenti encincane yemizi one intanethi kwaye ne khompyutha ekhaya. Ngu 17.8% kuphela wemizi wase Afrika onemfikelelo ye intanethi kwaye ngu 10% kuphela wemizi one khompyutha endlini (International Telecommunications Union, 2019). Kuthetangeli, uEurope, America, Asia, Pacific, kwaye ne Arab States ilala ku 85.5%, 71.8%, 50.9% kwaye no 57.1% ngokwemiqathango yemizi enemfikelelo ye intanethi ngelixa imizi one khompyutha ekhaya ukwi sixa sika 78%, 67.5%, 43.5%, kwaye no 51.9% (International Telecommunications Union, 2019).

Kucingelwa ukuba bambalwa abafundi eAfrika abazawu fikelela imfundo ngelixesha le Covid-19 lockdown, kubonisa ubungqina bamanani. EMzantsi-Afrika imfundo ifikeleliswa kubafundi ngokusebenzisa usasazo kumaqonga aku intanethi. Abafundi abangenawo u intanethi kwaye no kompyutha bazawuku fikilela imfundo ngokusebenzisa unomathotholo kwaye nomabonakude. Kuthetha ukuthi abafundi bazawudinga imfikelelo yombane, umabonakude kwaye no nomathotholo, ifowuni ekrelekrele okanye ukhomyutha ukuze bafikilele imfundo. Le tshathi elandelayo ibonisa idata lophawu lemizi yase Mzantsi-Afrika ngokwemiqathango yezixhobo eziyi mfuneko ukuze imfundo ifikeleleke ngelixesha le Covid-19 lockdown.

**Figure 2: South African households with access to electronic devices**



Data source: World Bank, 2017; StatsSA 2016

Ngo nyaka ka 2016, 24.5% wemizi yase Mzantsi-Afrika one kompyutha, 93.80% one selifowuni, 67.90% onomathotholo, 41.40% abane DSTV kwaye 53.40% abanomabonakude. Ngo 2017, 84.4% wabemi base Mzantsi-Afrika abanemfikelelo yombane ngelixa ngu 56.17% kuphela abanemfikilelo ku intanethi. Noma amanani yemfikelelo yombane kwaye no intanethi amakakululwa ku nyaka ka 2020,



ngokufanelekileyo kucingelwa ukuthi ubuninzi babafundi bazawu shiyeka emva ngemfundo. Le iqatselwe ngokungalingani okukhona kumaphondo yase Mzantsi-Afrika. Abanye abafundi kumaphondo afana nase Rhawutini imfundo kude ku intanethi iqhelekile, kanti lamaphondo ahlelelekileyo kufana ne Limpopo kwaye ne Eastern cape bafanele ukuhamba umgama omdeukuze bafikilele imfundo.

I Department of Higher Education and Training kwaye ne Department of Basic Education zenze isibhambathiso sokwenza imfundo eku intanethi ifikeleke kubafundi bonke. Le izaw'nyusa inkcitho yemali kwi mfundo yomfundi ngamnye. Ku nyaka ka 2018, inkcitho yemali yomfundi ngamnye kwezemfundo echithwe ngurhulumente ime ngaledlela elandelayo: \$2416 umfundi ngamnye kwimfundo yaseprayimari, \$2878 umfundi ngamnye kwimfundo yasesekondari, \$6460 umfundi ngamnye kwimfundo yase "tertiary" (UNESCO, 2020). Kunyaka ka 2020, inkcitho yemali ku mfundi ngamnye ngurhulumente izaw'nyuka kakhulu. Ngelixa impumelelo yamalungiselelo yokufikelelisa ikhompuyutha kwaye ne data kubafundi izaw'ncipisa kakhulu ukungalinganani kwemfikelelo yemfundo kubafundi ngenxa ka Covid-19, imfundo yedijithali idlala indima enkulukakulu.

## 4. ISIKHOKELO SEZEMALI ZIKA RHULUMUNTE

- Baneng Naape

### 4.1.Yeyiphi na indima edlalwe ngu rhulumente kwesisifo esibhubhisayo se Covid-19?

Impendulo zika rhulumente ngaphesheya kumazwe zibandakanya iinqubo zenkululo enkulu yezoqoqosho ejoliswe kumashishini, inkathalelo yezempilo kanye nokhuseleko. Ukucacisa ngokukhankanya, orhulumente babonelele inkululo ngokunika abantu intlawulo yemali kanye noncedo lokutya kumizi esemngciphekweni, noku nika inkxaso kumashishini amancinane namakhulu, intlawulo zama holide kanye no nothi womdla kumatyala angaphaya kanye namanyathelo yenkululo yeze rhafu. Lamanani ka 1 no 2 abonisa iinkcitho ezahlukeneyo kanye namanyathelo ye rhafu amaphumeza ngoorhulumente mhlabajikelele ekuphenduleni kuka Covid19.

Figure 1: Expenditure Measures





Figure 2: Revenue Measures



Source: IMF Tracker and Staff estimates (2020)

Ingakumbi urhulumente wase MzantsiAfrika uqale ngokwabela imali kwi candelo ezininzi ezichatshazelwe kakhulu sesi sifo se Covid19, iincandelo ezabelweyo zidibanisa ububele(hospitality) no khenketho(tourism) (R200 million), ulimo(agriculture) nokutya(food) (R1.2 billion), urhwebo(trade) nezoshishini(industry) (R700 million), nenkathalelo yezempilo(health care) (R42 million). Ukuyisa phambili, urhulumente ubeke endaweni ityala le mali yoncendo (Debt Relief Fund) nesibonelelo sokomelela kumashishini Amancinane, iMicro ne shishini eliphakathi ngobukhulu (R700 million), ama shishini asekwake kakuhle amatsala nzima ekuhlawuleni kwemivuzo yabasebenzi anikwe imvume yokufikelela ingxowa-mali ye-inshorensi yabantu abangaphangeli “Unemployment Insurance Fund(UIF)” zaba sebenzi ngenkxaso exatysiswe ngo R30 billion. Ngokusebenzisa ingxowa-mali ye-inshorensi eyabantu abangaphangeli “UIF”, umqeshwa ngamnye obekwe kwikhefu engahlawulwa, omiswe emsebenzini okwethunyana okanye osikelwe intlawulo yakhe, unemfaneleko kuba afumane imali encinane enga ngo R3500 kwaye neenga ngo R6730 ngobuninzi ngenyanga. Ezinye indlela zokungenelela ziquka ingxowa-mali yempendulo yamanyama (Solidarity Response Fund), eyona enenjongo yokutsala ingxowa-mali zoku lwisana ne ntlungu eziswe mhlaba jikelele hile Covid-19 kwezoqoqosho kwaye nezentlalo. Ukuyakumhla, ingxowa-mali ifumane umnikelo ogqitha ixabiso eli nga ngo R3 billion.


Nje ngokuba I Covid-19 iqinisisa, urhulumente uphendule ngokunjalo ngepakethe yokuchacha yezoqoqosho yesixa sika R500 billion. Kulo R500 billion, u R130 billion ulungiselelwengokutsha ku bajethi ka 2019/20, kwaye u R370 billion ulungiselelwengokutsha ku ngxowa-mali ye-inshorensi yabantu abangaphangeli “UIF” kwaye naba bolekisi mali bezizwengezizwe njenge ngxowa-mali yemali yezizwengezizwe “IMF”, ibhanki ye BRICS kwaye ne bhanki yophuliso yase Mzantsi Afrika “DBSA”. Ngokwemiqathango yolwabiwo, uR50 billion yabelwe iigranti yabantwana, uR100 billion yabelwe indalo noku khuseleka kwemisebenzi, u R2 billion kwinkxaso ye SMME’s kwaye nevenkile, u R200 billion oseleyo wabelwe ityala loku ncedisa amashishini atsalanzima. Ngokubonelela ngokwaneleyo amatyala kumashisini amachatshazelweyo ayimfuneko ukuphephisa ukutshona kwaye nokugxothwa kwabaqeshwa kumashishini.

**4.2. Emvakwesehlo sika R500 billion kwi pakethe yoncedowle Covid-19 iisiqabu**

Imizamo ethatyathiweyo ngurhulumente ukulwa neziphumo ze Covid-19 yenze kwabanemfuneko yokuba urhulumente achithe imali eninzi kwaye afumane ityala ngobuminzi. U 97.7% lwe ngeniso le mali karhulumente liveliswa nge rhafu kwaye isambuku sale rhafu senziwe nge rhafu yongeniso lwe mali kwinkampani “Company Income Tax(CIT)”, urhafu yongeniso lwe mali lobuqu “ Personal Income Tax(PIT)”, kwaye nomgangatho werhafu edityanisiweyo “Value Added Tax” kalukhuni. Kwesisifo esibhubhisayo kwaye ne ‘lockdown’ endaweni, iikampani zinenzuzo engaphantsi le yenze kuthathwe izigqibo ezinzima, le idibanisa ukusikwa komrholo nokugxothwa emsebenzini. Lonto urhulumente uzaqokelela irhafu encinane ngoba inani labasebenzi elihlwula i rhafu ‘PIT’ lehlisiwe kanti nerhafu ehlawulwa ngamashishini ‘CIT’ yehlile nayo.

Njengoba abahlali abaninzi balahlekelwe himirholo, intengiso yempahla kiqoqosho yenyukile. Le itshuba urhulumente uzaqokelela urhafu omncinane kwi ‘consumption’ (Vat). Ukonyuka kwenkcitho wemali kwaye nokuqokelelwa okuphantsi kwe rhafu kuzavula isikhewu phakatha kongeniso lemali ngurhulumente kanye nenkcitho yemali ngurhulumente. Esisikhewu saziwa ngo ‘budget deficit’ sibonisa ukwanda kunokuncipha kwiminyaka edlule. Injongo kumazwe kukunciphisa ibhajethi kwaye netyala eliphantsi. U ‘figure 5’ ngaphantsi ubonisa iitrendi kwi ‘government revenue’, ‘government spending’ kwaye ne ‘budget deficit’ njengolinganiso le GDP. Njengokuba kuboniswa ku ‘figure 5’, urhulumente uchithe ngokudlulele.


**Figure 5: Trends in government revenue and expenditure (%GDP)**



Source: South African Reserve Bank database (2020)

Ngoku, eMzantsi-Afrika, i 'budget deficit' njengolinganiso le GDP ifikela ku -6.3% kanti kulindelwe uba ukwandiswa kolinganiso kufikele ku -13.3% ngo 2020 kususiphumelo se Covid-19 'relief packages', (IMF, 2020). Ukwandiswa kwe 'budget deficit' kuzanyusa imfuneko yokuba urhulumente aboleke imali, kanti kulombonakalo wotyalo-mali wangoku urhulumente uzaboleka imali kumgangathowenzala ophezulu ngenxa yokudinga imfaneleko yokwenza amatyala 'junk status'. Njengoba urhulumente ethatha amatyala amaninzi kulomgangathowenzala ophezulu kwaye nangokuchasane kwi 'currency' ebuthakathaka, isambuku sekamva longeniso likarhulumente sizachithwa kakhulu kwi 'interest payments/service costs' kwaye kancinane ku 'social & economic programs'. Inkcitho encinane kwi 'social & economic programmes' izabanempembelelo embi kwimpilo yabahlali bamahlwempu. Nokuba mandundu, urhulumente angashenxisa lomthwalo kubahlawuli behafu ngokunyusa intlawulo yerhafu. Ngokwaneleyo, imbolekomali bekulona ukhetho olungcono xakuthelekiswa nokushicelela imali. Iziphumo zokushicelela imali, njengoba u Marius ebonisa, kugqitha iziphumo zomboleko mali. U 'figure 6' ngaphantsi ubonisa isixa samatyala karhulumente nesixa senkcitho wemali ngurhulumente kwi 'interest payments' kuminyaka edlule. Imbolekomali ngorhulumente unyuke ngokukhawuleza ngo 2009 ngenxa ye 'global financial crisis'.

**Figure 6: Trends in government debt and interest payments**



Source: South African Reserve Bank database (2020)

Ukuyakumhla, wonke amatyala karhulumente afika ku R4 trillion okanye 61% njengolinganiselo lwe GDP, ngoku kulindelwe ukuthi ifikelele ku 70% (Treasury estimates) xakungasingu 90% (IMF estimates) njengolinganiselo lwe GDB ngo 2023. Kubalulekile ukujonga ukuthi amanqanaba amaphezulu yamatyala karhulumente ayonkxalabo xa uxabiso lwetyala lingasetyenzwa kakuhle. Ngelishwa, akunjalo eMzantsi-Afrika kusukusela urhulumente echitha u R205 billion kwintlawulo ze 'interest' zonyaka, babingelela inkcitho ezifana ne 'social programmes', 'health', 'education', 'defence' ne 'justice'. I 'social programmes' ziquka i 'social grants' namalungiselelo yendawu zokuzifihla 'RDP houses' kubahlali abasemngciphekweni.

## 5. ISHISHINI NEMALI

- Zaziwe Maluleke

### 5.1. Impembelelo ye Covid-19 kumashishini

Esisifo esibhubhisayo se ‘coronavirus’ simise ezoqoqosho mhlabajikelele. Le idalwe kukuba amazwe mekwi ‘lockdown’ apho ithemba libekwe kwimisebenzi ebalulekileyo ukugcina uqoqosho. Amashishini amanomsebenzi o’labour-intensive’ alahlekelwe kakhulu kwinzuzo kule ‘lockdown’ ne ‘social distancing’. Inyaniso ebuhlungu kukuthi amashishini afaneleke ukurholela abasebenzi nokuba abafumani ngeniso lwemali. Nokuba, isiphumo semarike noko sibe ‘opposite’ iinkampani ngobuninzi zamkelele isiseko se ‘no-work-no-pay’. Ngenxa yokovalwa nokuncitshiswa kwexesha lokusebenza, amashishini alahlekelwe lungenisomali lantsukuzonke. I ‘International Labour Organisation (ILO)’ iqikelele ukuba iiyure zomsebenzi mhlabajikelele zingancitshiswa ngo 10.5% kwi kota yesibini ku 2020 le elinganayo no 305 million yemisebenzi yexesha eliphelele (ILO, 2020). Unkcitshiso lwexesha loku sebenza libangela yingqiqo yokutshintsha emsebenzini nokuswela kokusebenzela kude. Kwelinye icala, esisifo esibhubhisayo sidlale indima ebalulekile ukukhawulezisa kwedijithali. Kumashishini asand’kungena kwidijithali, eli libelithuba elitsha.

### 5.2. Mhlawumbi lithuba lokuba amashishini angene kwidijithali kwaye ba ‘upskill’ abasebenzi?

Amanye amashishini afuna intsebenziswano encinane yabantu, kwaye abasebenzi bangaqhubeka basebenze besemakhaya wabo. Amanye amashishini aquka i ‘marketing’, ‘bookkeeping’, ‘tutoring’, namanye amananzi. Kumanye amashishini akwazi ukusebenzela kude, eli libelithuba lokuthi bafake I ‘IT software systems’ ezintsha ne ‘Virtual Private Networks (VPN)’ ezizaw’bavumela ukuba basebenzele kude. Usekwa kwe ‘virtual’ kumashishini kongeze uncedo ngoxabiso eliphantsi lenqubo yoshishini. Le ingendlela yoba ungahlawuli irenti yesithuba se ofisi ekuyona enoxabiso olukhulu kumashishini, kwaye nezinye ezisetshenziswayo kumashishini ezinoxabiso njengamanzi nombani.


Lengulo ebhubhisayo yonyuse imfuneko yokhono lwedijithali. Le ibalulekile ukugcina imveliso yeshishini kuze iqhubeke. Inkuliso yokhono labasebenzi lunika abasebenzi ithuba lokufunda amakhono azaw’kwenza basebenze kangcono kunakuqala. Le ingafikeleleka xabefunda ukhono ku intanethi ‘online’ eyenza abasebenzi bafundele ingomso, njenge ‘coding’. Inkampani zinga xhasa ezimfundo zaku intanethi ‘online courses’ ukuze abasebenzi babeneziphumelo ezintle.

### 5.3. Umbono kwiicandelo ezibetheke kakhulu

